

ISICWANGCWISO SESIKHOKELO SOBUCHULE KWILIZWE JIKELELE, INKQUBO YESIFO SEPHEPHA (TUBERCULOSIS/TB) YENKOKHELI ZOLUNTU.

Yintoni isicwangciso sesikhokelo selizwe jikelele?

Esi sisicwangciso seminyaka emi-5 esakhutshwa lisebe lezempilo ngomhla we-24 Matshi 2023 (usuku lokuphawula nge TB olubekelwe bucala lihlabathi)

NSP izakuqinisekisa ukuba kukho isicwangciso esikhoyo sokwandisa ukufikeleleka kwinkomze ezisemgangathweni ze ntsholongwane agawulayo HIV, isifo sephepha TB kunye nazo zonke izifo ezosulela ngokobelana ngesondo STI

Esi sicwangciso seminyaka emi 5 siqulathe injongo ezi 4



Umfanekiso: Iqweqwe lwe NSP

Injongo ezi 4 ze NSP

- 1 Kukususa imiqobo ethintela ukuphumeza izisombuo nge HIV, TB kunye ne STIs.
- 2 Ukwandisa ukufikeleleka ngokulingana kwinkonzo nezisombululo nge HIV, TB and STIs.
- 3 Ukuxhasa ngokupheleleyo ngezixhobo, ukuvuselela nokubandakanya iNSP ekhokelwa ngamaziko aqulathe nathabatha uxanduva.
- 4 Ukwakha inkqubo eziliqilima ze HIV, TB kunye ne STIs eziqukwe kwinkqubo zezempilo, ukhuseleko loluntu kunye nokumelana nobhubhane.





INJONGO YESIKHOKELO...

SIFUNA UKUXHOBISA INKOKHELI ZOLUNTU NGOLWAZI MALUNGA NESIFO SEPHEPHA UKUZE:

- ✓ Yiba nomfanekiso/mbono omkhulu we NSP nezicwangciso ezethatyathwe lisebe lezempilo ukuphelisa isifo sephepha,
- ✓ Bathathe izicwangciso kwi NSP kwaye bakhuthaze oko kuluntu lwabo,
- ✓ Ukuqonda ngcono ukuba lelipi inganaba nomgangatho ekufaneleke zifumaneke ngazo inkonzo ze TB,
- ✓ ngawaphi amanyathelo anokuthatyathwa zinkokheli zoluntu ukuba ezinkonzo azifumaneki.

Skena ikhowudi QR okanye ucofe kumfanekiso wokucofa apha, iyakukusa kwiphepha leweb eluhlobo olukhutshelweyo lwe NSP



Qaphela ukuba iNSP iquka iHIV, TB kunye ne STIs, kodwa ngoku sizakugxila kwi TB kwesi sikhokelo

Injongo 1: ukuphelisa imiqobo ekuphumezeni izisombululo ze HIV, TB kunye ne STIs.



Ukuphucula izakhono nobuchule boluntu ngundoqo ekuphuhliseni iziseko ezise mgangathweni nempendulo nge TB



Uluntu kufuneka lubandakanyeke kwikqubo ze TB ukuqinisekisa ukuba inkonzo zovavanyo kunye nothintelo lwe TB ziyafumaneka kwaye



Inkokheli zoluntu kuquka inkokheli zendabuko nezemveli zidlal indima yokugcina isebe lezimpilo lubenoxanduva, uluntu luqaphele kwaye lube nolwazi



Injongo 1: ukuphelisa imiqobo ekuphumezeni izisombululo ze HIV, TB kunye ne STIs.



Inkokheli zokuhlala zikwadolala indima ekukhuthazeni inkxaso yezakha mzimba kunye nezibonelelo kubantu abane TB.

Isicelo senkxaso mali sabantu abane TB exhathisayo kunyango, kufaneleke singeniswe kwi ofisi yakwa SASSA ekufutshane kwigosa lakwa SASSA.

Umzekelo:





sassa

South African Social Security Agency



Ukuphawula ngocalulo nokucwayana nge TB, Kukho imfuneko yoqeqesho ngamalungelo oluntu.

Inkokheli zokuhlala zidlala indima ebalulekileyo ekuphawuleni amampunge nge TB, ngokusebenzisana nabo balugqibileyo unyango, namaqumrhu axhasa intshukumo zokunciphisa ukucwayana nokucalulana



Umzekelo:

- Inkokheli zokuhlala kunye nabo balugqibileyo unyango bangaqhuba amaphulo wokuxwayisa nge TB ngolwimi olusulungekileyo ekuhlaleni ukunceda ekunciphiseni ukucwayana besebenzisa amajelo wendaba, imidlalo yeqonga, imiboniso njalonjalo.
- Zingafumana kuluntu ekuhlaleni, baxele naluphi uhlobo lokucwayana nge TB okuchaphazela uluntu kumaziko wezempilo.



Inkokheli zokuhlala zingaphawula ngemiba yoxinzelelo lwengqondo olufunyanwa ngabantu abane TB, oko kuthi kunyuse imfuneko yenkonzo zempilo zoxinzelelo lwengqondo. Njengoko abanye abantu besemngciphekweni omkhulu wokuxhalaba, uxinzelelo, nophazamiseko, ukusela ngokungaphezu komlinganiselo, nokusebenzisa iziyobisi, kubalulekile ukukhuthaza abantu abane TB bahlolwe ukuze bathunyelwe kugqirha wezoxinzelelo bafumane inkxaso apho kuyimfuneko khona



Injongo 1: ukuphelisa imiqobo ekuphumezeni izisombululo ze HIV, TB kunye ne STIs.



Inkokheli zokuhlalala zinokuncedisa ngokwenza amaziko wezempilo afikeleleke kwabesilisa abathandabuzayo ukuthi xha emsebenzini bayokufuna uncdo, nabesifazana abanemiceli mngeni yokugcinelwa abantwana nokoyika ukuhlazeka ngokuya eklininiki bayofumana uncdo.



Umzekelo:

Omnye umzekelo wakukhathalelwa ngokwesini, zikliniki zabesilisa ezifumaneka entshona koloni kuphela. Inkokheli zasekuhlaleni zifanele zimamele abesifazane nabesilisa ngendlela abanqwenela kuhlangebezwane nabo ngayo ngemfuno zabo.



Goodman Makanda

TB Proof Advocacy Officer
Drug Resistant -TB Survivor

Njengendoda bekungekho lula ukufikelela kwinkonzo zonyango ngenxa yokucwasana. Uziva ngathi awuyondoda ngokwaneleyo, untengentenge. Ndiye ndaya kugqirha wabucala kodwa naye wandidlulisela kwiziko lempilo ukuze ndixilongelwe iTB.

Injongo 2: Ukwandisa ukufikelela ngokulinganayo kwinkonzo nezisombululo ngeHIV, TB kunye ne STIs (injongo 2.6 &2.7).




Inkokheli zokuhlala zidlala indima ebalulekileyo:

Thintela iTB

INGATHINTELEWA NJANI ITB?



Khohlelela engqinibeni.



Vula ifetile ekhya, ezikolweni, kwizithuthi zika wonkewonke nasemsebenzini.



Ukuba uyakhohlela nxiba isifonyo/maski esikolweni okanye eteksini.




Yitya uthintela ukuba uhlala/uchitha ixesha nomntu one TB.

NOTES:

- Amayeza wokuthintela iTB abizwa ngokuba nguthintela TPT.
- Isebe lezempilo lisebenzisa iphulo lokuhlola unyange iTB.
- Abantu abasemngciphekweni (abantu abaphila nentsholongwane kagawulayo, abantu abahlala/chitha xesha nabantu abane TB, kunye nabantu abebekhe banyangelwa iTB) kufanelwe bahlolwe iTB.

Ukuba iziphumo zibuye zibonisa unesifo se TB, Kufaneleke uqale unyango.



Ukuba iziphumo azibonisi sifo se TB, kufaneleke uqalise uthintela.



**KUFUNeka SIFUNDISE ULUNTU
MALUNGA NOKUBALULEKA
KOKUTHINTELA ITB NENDLELA
EZIBALULEKILEYO ZOKUTHINTELA
UKUBHEBHETHEKA KWE TB**

Injongo 2: Ukwandisa ukufikelela ngokulinganayo kwinkonzo nezisombululo ngeHIV, TB kunye ne STIs (injongo 2.6 &2.7).



Inkokheli zokuhlala zidlala indima ekuncedeni abantu abane TB ukuba:

Hlolwa kwaye unyangwe



- Kubalulekile ukufundisa abantu ngobungozi be TB.
- Abantu abase mngiphekweni we TB kufuneka baxilongwe baze banyangwe, abantu xabeqale unyango lwe TB abosuleli. Kwaye ukuba bahloliwe asbonwa isifo se TB kufuneka baqale uthintela TPT.
- Kufuneka sixhase ukwandisa izixhobo zokuxilonga iTB ezinje nge X-ray, uvavanyo lwe TB kusetyenziswa umchamo (urine LAM) kubantu apaphila nentsholongwane ka gawulayo ukuze kufunyanwe abantu abaninzi abane TB. Uphando olutsha lubonise okokuba abanye abantu abafunyaniswe bene TB bebengenazo impawu zeTB, kodwa bafumaneka xabe tshekishwa nge X-ray.

Umahamba ngendlwana wenqwelo obonelela ngenkonzo ze X-ray yesifuba inokunyusa umthamo wokuvavanyela iTB xa ingafumaneka ngempelaveki emva komsebenzi, okanye kufutshane nalapo bahlala khona abantu.



Abakhokheli belali badlala indima ekwandiseni **INKXASO** kubantu abaneTB.



Ukufunyaniswa uneTB kungayinto eyothusayo nengumnqa, ngako oko ababantu bafuna inkxaso!

UNGANC EDA NJANI?



Injongo 2: Ukwandisa ukufikelela ngokulinganayo kwinkonzo nezisombululo ngeHIV, TB kunye ne STIs (injongo 2.6 &2.7).



KUYAQHUBEKA..



INKOKHELI ZOKUHLALA ZINGANCEDA NGOKU:

- ✓ Ukufundisa uluntu ukuba luxele ngengcamango ezingezizo, inkolelelo ezingezizo ezinokukhuthaza ukucwayana.
- ✓ Ukukhuthaza intsapho zicele ingcebiso ekliniki.
- ✓ Zixelele abantu abasandula kufunyaniswa bene TB ngamaqumrhu anokubaxhasa Kufuneke sikhuthaze ukuba abantu abazivavanyele iTB ngovavanyo
- ✓ lwesikhohlalela, bafumane iziphumo zabo ngo myalezo we fowni SMS.
- ✓ Ingcebiso malunga ne TB kufuneka zinikezwe kumntu ngamnye ofunyaniswe ene TB, kunye nenkxaso eyongezelelweyo yengqondo kwabo banoxinezelelo, ixhala, kunye nabo basebenzisa iziyobisi notywala.



Inkokheli zoluntu zidlala indima enkulu ekuziseni inkonzo ze TB eluntwini

Njengenkokheli zokuhlala, kufanele ubuze abantu ngendlela abaphatheke ngayo xa bebe xilongwa, befunyaniswa bene TB, xa beqala unyango nangexesha beqhubeka nonyango lwe TB.



Umzekelo:

Kufuneka abantu befumene unyango ngentlonipho nenkathalo, ukuba bayagxekwa bayacalulwa kufanele kuxelwe oko




Apa ungaqhagamshelana no TB PROOF ukuba ufuna inkxaso.



Injongo 3: Ukwakha uqilima lwnkqubo ze HIV, TB and STIs, eziqukwe kwinkqubo zokhuselo loluntu nokuqubisana nobhubhane.




Kufaneleke sifumane istatistiki/ amanani we TB kwikliniki zethu, sazi ukuba kusilela pi. Ngoko ke kufanele sikhuthaze ukwenza ukufikeleleka nolwazi ngamanani eTB.



Umzekelo:

Ungakhuthaza abantu ukuba bafikelele kwi dashboard yeTB yesebe lezempilo lwentshona koloni, apho nabani na angabona kwi intanethi indlela abantu bengiqqi abachaphazeleke ngayo yi TB. Oku kuqale ngexesha le COVID 19.



Injongo 3: Ukwakha uqilima lwnkqubo ze HIV, TB and STIs, eziqukwe kwinkqubo zokhuselo loluntu nokuqubisana nobhubhane.



Ngengenkokheli yokuhlala, kubaluleke kakhulu ukwakha ubudlelwane nezinye inkokheli kumacandelo ahlukeneyo anjengokuphuhlisa intlalo, ezolimo, ezemfundo. Sifuna abantu abakhathalayo ngesifo sephepha, bancedise ukuphakamisa ulwazi kumacandelo ahlukeneyo ekuhlaleni.



Injongo 4: Ukuxhasa ngokupheleleyo iNSP esebenzayo ngamaziko onoxanduva nahlaziyiweyo abandakanya uluntu lonke.



Inkokheli zokuhlala zingasebenzisana nemibutho yokuhlala ukukhuthaza ukwenyuswa kwenkxaso-maliye TB kwimisebenzi yokuhlala efana namaphulo wokulumkisa nge TB. Sikwacela izwi lakho kumaqonga apho unokuphendula uthethe ngezinto ezingundoqo ze TB kwindawo ohlala kuyo ofuna ziqwalaselwe. Amaqonga alolohlobo angaquka amajelo wendaba, ikomiti zasekliniki, intlanganiso zokuhlala SANCO kunye nentlanganiso kunye nesebe lezempilo.

CONTACT US AND CONNECT WITH US:



admin@tbproof.org



www.tbproof.org



@tbproof



SEPTEMBER 2023

[illegible]